**Isaziso Esisemthethweni**

**ISAZISO SOKUDLULISELWA KWENXENYE YESHISHINI LE-INSHORENSI LE-LION OF AFRICAN LIFE ASSURANCE COMPANY LIMITED E-EMERALDLIFE PROPRIETARY LIMITED NGOKWEMIMISELO YECANDELO LAMA-50 LOMTHETHO WEE-INSHORENSI**

I-Lion of Africa Life Assurance Company Limited (inombolo yobhaliso 1942/015587/06) ("**iLion Life**") inenjongo yokudlulisela inxenye yeshishini layo le-inshorensi e-Emerald Life Proprietary Limited (inombolo yobhaliso: 2016/534835/07) ("**i-Emerald Life**") ngokwemimiselo yecandelo lama-50 loMthetho wee-Inshorensi ongunombolo 18 ka-2017 ("**Umthetho**") ("**Udluliselo Olucetywayo**").

Iipolisi ezichaphazeleka kuDluliselo Olucetywayo zibandakanya:

1. I-100% yeepolisi zee-inshorensi zokungcwaba ezibhalwe phantsi yi-Lion Life, ezisasazwa kwaye zaphathwa yi-Emerald Life, ngokwesivumelwano apho imirhumo ihlawulwa ngendlela yokutsalwa ngaphandle kokutswalwa kwiinkxaso-mali karhulumente ngokwesimiselo 29(1) semimiselo epapashwe phantsi komthetho wokuncedisa uluntu ka-2004; kunye

2. Ne-50% yeepolisi zee-inshorensi zokungcwaba ekuvunyelwene ngokuba ziphakathi kukaLion Life ne-Emerald Life nezizipolisi ezimelwe nguLion Life, zize zikhutshwe kwaye zilawulwe yi-Emerald Life, ngaphantsi kwemimiselo yokuba imirhumo ihlawulwe ngendlela yemali etsalwa kwizibonelelo zentlalontle ngokwemimiselo yommiselo u-29(1) wemimiselo epapashwe ngaphantsi koMthetho woNcedo lwezeNtlalontle, ka-2004,

ngokuhlangeneyo "**iiPolisi Ezidluliswayo**"

Iipolisi Ezidluliswayo ziya kudluliselwa kwi-Emerald Life ngaphantsi kwemimiselo yesivumelwano sokudluliswa kweshishini esiqosheliswe phakathi kweLion Life kunye ne-Emerald Life ("**Isivumelwano**").

Bonke abanikazi-polisi kuya kuqhagamshelwana nabo yi-Emerald Life kunye/ okanye iLion Life ngee-SMS. Kwimeko apho unemibuzo malunga noDluliselo Olucetywayo, nceda uqhagamshelane nokuba:

- Iiziko leminxeba lase-Emerald Life: 0861 666 333; okanye
- iziko leminxeba lase Lion Life: 021 461 8233.

Nanjengoko uDluliselo Olucetywayo lubandakanya ukudluliswa kweePolisi Ezidluliswayo ukusuka eLion Life ukuya e-Emerald Life ngaphandle kwemvume yabanikazi beepolisi,

kudingeka inkqubo ebanzi yasemthethweni ngokwemimiselo yoMthetho, nequka, phakathi kokunye, ukuvunywa koDluliselo Olucetywayo liGunya elijongene noLawulo lwamaZiko eMali neeNkampani ze-Inshorensi ("**iPrudential Authority**").

Yakuba iPrudential Authority iluvumile uDluliselo Olucetywayo, i-Emerald Life yiyo eyakuba noxanduva lokuphumeza zonke izibophelelo zeLion Life ezinxulumene neePolisi Ezidluliswayo.

Iinkcukacha malunga noDluliselo Olucetywayo ziqulethwe kwiSivumelwano. Isivumelwano sixhomekeke ekufezekisweni kwemigaqo ekumele iqale izalisekiswe, nequka, phakathi kokunye, ukuba iPrudential Authority iluvume uDluliselo Olucetywayo.

Iikopi zeSivumelwano kunye namanye amaxwebhu anxulumene noDluliselo Olucetywayo aya kufumaneka ukusuka ngomhla wesi-27 kuCanzibe 2026 ukuya kwi-17 kweyeKhala 2026 ngaphandle kwangeMigqibelo, iiCawe kunye nangeeHolide zikaWonkewonke ("**Ixesha Lokubona**"):

- kwi-ofisi enkulu yaseLion Life (16th Floor, the Golden Acre Adderley Street, Cape Town 8001); nakuwo
- onke amasebe ase-Emerald Life.

| **Igama lesebe** | **Idilesi** |
|---|---|
| Head Office | 86 Edward Street, Sterling Place, Bellville, 7530 |
| Bellville | 1st Floor Nobel Park Shopping Centre, c/o Du Toit & Old Paarl Road, Bellville, 7530 |
| Bloemfontein | No. 1 Arboretum Avenue, Westdene, Bloemfontein, 9301 |
| Butterworth | 24 Scanlen Street, Office No. 4, Butterworth, 4960 |
| Centurion | 63 Jean Ave, Doringkloof, Centurion, 0157 |
| Durban | 13 Brand Road, Suit 6, 2nd Floor, Glenwood, Durban, 4001 |

| **Igama lesebe** | **Idilesi** |
|---|---|
| East London | 57 Western Avenue, Unit A, Vincent, East London, 5247 |
| George | 142 Merriman Street, George, 6529 |
| Giyani | 193 Church Street, 16 Gimbo Complex, Giyani E, 0826 |
| Gqeberha | 180 Cape Road, Mill Park, Gqeberha, 6001 |
| Johannesburg | Shop 174, Maponya Mall, 2127 Chris Hani Road, Klipspruit Ext 5, Soweto, 1837 |
| Kimberley | No 2 Dalham Road Kimberley 8301 |
| Klerksdorp | 1st Floor, Jacobs Building, c/o Siddle & Boom Street, Klerksdorp 2571 |
| Kokstad | Shop 2, 74 Hope Street, Kokstad 4700 |
| Komani | 79 Livingstone Road, Top Town, Komani, 5319 |
| Kwanobuhle | Shop 42A Kwanobuhle Shopping Centre, c/o Mtanzima & Bereng Road, Kwanobuhle, Uitenhage, 6242 |
| Mahikeng | Suites 1,2,3, 69 Carington Street, Mahikeng, 2745 |
| Makhanda | 17 Spring Street, Makhanda, 6139 |
| Mbombela (Nelspruit) | Unit 3A, 21 Van Rensburg Street, Sonheuwel, Mbombela, 1201 |
| Mthatha | Unit 2, 26 Sprigg Street, Mthatha 5100 |
| Polokwane | Office 3, 98 Marshall Street, Polokwane, 0699 |

| Igama lesebe | Idilesi |
|---|---|
| Vredenburg | Unit B, 7 Velddrif Road Vredenburg 7380 |
| Worcester | 28 Porter Street, Worcester 6850 |

Nawuphi na umntu onomdla kulo mba angakwazi, ukungenisa ngeXesha Lokubonwa iziphakamiso kwiPrudential Authority okanye kwiFinancial Sector Conduct Authority malunga noDluliselo Olucetywayo. Iziphakamiso kufuneka zingene kwiPrudential Authority okanye kwiFinancial Sector Conduct Authority ngaphambi komhla we-17 kweyeKhala 2026.

Nceda ubhekise yonke imibuzo e-Emerald Life nge-imeyile ku- info@emeraldlife.co.za kunye/okanye eLion Life nge-imeyile ku- transfer@lionlife.co.za kungenjalo ungaqhagamshelana namaziko eminxeba akhankanywe apha ngasentla.

Kungenjalo, nceda uthumele imibuzo yakho kwiPrudential Authority nge-imeyile ku-SARB-PA@resbank.co.za okanye kwiFinancial Sector Conduct Authority nge-imeyile kwa Section50@fsca.co.za.